AUDITOR-GENERAL
SOUTH AFRICA

# MEDIA RELEASE

21 Novemba 2018

**UMphicothi-zincwadi jikelele unika ingxelo yokuhla jikelele kweziphumo zophicotho-zincwadi zamasebe karhulumente kazwelonke nowamaphondo kunye nee-entithi zawo**

**EKAPA** – UMphicothi-zincwadi jikelele (i-AG), uKimi Makwetu, namhlanje ubhengeze iziphumo zophicotho-zincwadi zikazwelonke nezamaphondo ezibonakalisa ukuhla jikelele kunyaka-mali odlulileyo.

Ekhupha ingxelo yakhe jikelele ka-2017-18, uMakwetu uthe jikelele, iziphumo zophicotho-zincwadi zihlile – kumasebe kunye nakwii-entithi zikarhulumente.

Uthe ngelixa iziphumo zophicotho-zincwadi zabaphicothelwa-zincwadi abangama-43 ziphucukile, ezo zasithwa zezingama-73 ezehlayo kunyaka ongaphambili.

I-AG iphinde yabalula ukuba kwiminyaka emine edlulileyo ukusukela ku-2014-15, kubekho isiqhelo esifanayo sokuhla kweziphumo zophicotho-zincwadi ezingaphaya kunokuba ziphucuke. Ukuphawule oku ngakumbi kwezo zinoxanduva lolawulo izezona zicothayo ekuphumezeni, okanye zingananzi konke konke, izindululo zophicotho-zincwadi ezenziwe yi-ofisi yakhe.

## Izindululo zophicotho-zincwadi zonyaka ongaphambili ezinganyamekelwanga zinempembelelo kwiziphumo zophicotho-zincwadi

UMakwetu uthe iminyaka ngeminyaka i-ofisi yakhe inike ingxelo yokusilela kolawulo lwangaphakathi kunye nemingcipheko eyayifuna ingqwalasela kurhulumente kazwelonke nowamaphondo ngokunika oonobangela abayintsusa beziphumo nezindululo zophicotho-zincwadi ukuba zibe likhubalo kwaba nobangela bayintsusa. Ngokulinganayo, uMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (i-AGSA) ukhale ngokungaguquguqukiyo ngokunqongophala kolawulo olunengqiqo ukujongana nokunqongophala koxanduva

lokuphendula ngokuqinisekisa iziphumo zezohlwayo kwabo banyhashe iinkqubo ezisisiseko ezithintele ulawulo olusebenzayo.

"Njengoko ingxelo yethu yokugqibela idandalazisa, abadlali-ndima abohlukahlukeneyo balibazisile ukuphumeza kwaye, kwiimeko ezithile, bade bathi ngokuphandle banganganzi izindululo zethu. Ngenxa yoko, kukho ukuphucuka okungephi kuxanduva lokuphendula ekuchitheni imali kukarhulumente kwaye imingcipheko ebesiyigxininisa iminyaka ngeminyaka iyaqalisa ukubonakala.

"Kwiingxelo zethu zangaphambili, sithe impendulo ecothayo yabalawuli kwimiyalezo yethu yayingunobangela oyintsusa ongundoqo weziphumo zophicotho-zincwadi ezisilelayo, kodwa amava ethu kunyaka odlulileyo kukuba abalawuli kuma-28% abaphicothelwa-zincwadi abalandeli konke konke," u-AG ubhengezile.

## Iinzame kokuhlanganyelweyo kulawulo olungenachaphaza olugqibeleleyo noxanduva lokuphendula

I-AG ithe ibinethemba lokuba abalawuli abaphumayo – kwinqanaba likazwelonke nelephondo – bamele ukuba bahlangabezene ngokumandla nemingeni yolawulo neyoxanduva lokuphendula ezaphawulwa yi-ofisi yakhe kwilixa lesigaba sayo seminyaka emihlanu esondela ngesantya esiphezulu esiphelweni sayo.

Nangona kunjalo, wakhuthazwa, phakathi kwabanye, sisithembiso sakutshanje somphathiswa wezemali uTito Mboweni ngelixa lentetho yakhe yoqingqo-mali lwesigaba esiphakathi sokuba isebe lakhe, ukuquka uNondyebo wesiZwe, liza kuqhubeka nokusebenza ngokusondeleyo ne-ofisi ye-AG ukuqinisekisa ukuba urhulumente uqinisa iinkqubo zakhe zolawulo.

"Abo bafumene kwaye bahlala neziphumo zophicotho-zincwadi ezizizo baqhubeka nokubonakalisa ukuba ulawulo olungenachaphaza olugqibeleleyo noxanduva lokuphendula kwicandelo likarhulumente lunokwenzeka, ukuba nje kuphela singagxila kwizinto ezisisiseko ngokuchanekileyo. Sisazinikele ekusebenzeni ngokungenamkhinkqi (ngokwesigunyaziso sethu) kunye nabo bonke abo banoxanduva lolawulo nokubeka iliso ukuqinisa ulawulo lwezemali nolokusebenza kurhulumente kazwelonke nowamaphondo," utshilo uMakwetu.

## A. Ushwankathelo lweziphumo ezingundoqo zengxelo ezithile

Phakathi kweziphumo ezingundoqo ezizezinye zayo, ingxelo kaMakwetu idandalazise ukuba:

- umgangatho weengxelo zokusebenza uphucuke ngokungephi waya kutsho kuma-65% abaphicothelwa-zincwadi ngoku abapapasha iingxelo ezifezekileyo. Nangona kunjalo, i-AGSA ifumene iingxelo zokusebenza zophicotho-zincwadi ezinolwazi olungelulo ngokubonakalayo
- kwinqanaba likazwelonke kwabakho ukuhla kwiziphumo zophicotho-zincwadi, ngenani leziphumo zophicotho-zincwadi olungenachaphaza lisihla ukuya kuma-23 % abemi ekuphicothwe iincwadi zabo bebonke xa kuthelekiswa nama-30% kunyaka-mali odlulileyo
- ngokwamaphondo, iNtshona Koloni kunye neGauteng zaqhubeka nokuvelisa ezona ziphumo zingcono- ngama-83% kunye nama-52% ophicotho-zincwadi olungenachaphaza, ngokulandelelanayo.
- kubekho ukusilela okubalaseleyo kulawulo lwezemali zikarhulumente kazwelonke nowamaphondo ekungazange kujongwane nako kwiminyaka emine edlulileyo
- inkcitho engagunyaziswanga inyuke ngama-38% ukusukela kunyaka ongaphambili ukuya kutsho kuma-R2,1 ezigidi zezigidi, apho ama-86% ayesisiphumo sokuchitha imali ngokugqithisileyo.
- inkcitho engeloncedo nemosha imali yenyuka ngaphezulu kwama-200% kunyaka ongaphambili ukuya kutsho kuma-R2,5 ezigidi zezigidi
- inkcitho engekho mgaqweni yaqhubeka ngokuba phezulu kuma-R51 ezigidi zezigidi. Kukonke oku kuquka inkcitho engekho mgaqweni yabo baphicothelwa-zincwadi apho i- AGSA yayilugqibile uphicotho-zincwadi emva komhla omiselweyo wale ngxelo (ama-R5,4 ezigidi zezigidi). Kubalulekile ukuphawula ukuba ama-R51 ezigidi zezigidi awaquki ii-SOE ezingaphicothelwa zincwadi yi-AGSA, enkcitho yazo engekho mgaqweni iyonke ingama- R28,4 ezigidi zezigidi

- imo yezemali yabaphicothelwa-zincwadi yaqhubeka nokuhla
- kwabakho umngcipheko ovelayo womangalelwano olwandayo namabango ngokunjalo kumasebe. Phantse isinye esithathwini samasebe sasinamabango kuwo ngokudlule nge-10% yoqingqo-mali lwawo lonyaka ozayo. "Amasebe awenzi qingqo-mali laloo mabango, okuthetha ukuba onke amabango aphumeleleyo aza kuhlawulwa ngeengxowamali eziphawulelwe uphumezo-nkonzo, okutyabula nangakumbi isakhono sala masebe sokuzinza ngokwezemali," ulumkisile uMakwetu
- intsilelo-mali iyonke yama-R35,1 ezigidi zezigidi ngama-41% ee-entithi zikarhulumente ezinkcitho-mali yazo yayigqithisile kunengeniso yazo – ama-75% oku yayiyintsilelo-mali yeRoad Accident Fund. Ingxelo ye-AG yalumkisa ukuba "nangona uninzi lwee-entithi zikarhulumente ezathwala iintsilelo-mali zinganako ukuqhubeka nemisebenzi yazo, ezi zibonisi zingalunganga zivelisa iinkxalabo malunga nesakhono sazo sezemali, okunokugqibelela kuxinzelelo lokufumana inkxaso-mali eyongezelelweyo kurhulumente"
- abaphicothelwa-zincwadi abathi ngokubonakalayo abathobela uwiso-mthetho banyuka ukusuka kuma-64% ukuya kuma-72%. I-AG ithe ukuhla kokubekwa kweliso kulawulo kummandla wokuthobela kwawucacile kwimimandla emininzi, ukuquka ulawulo lwenkqubo yeentengo (i-SCM), kwaye kwakhokelela ekwandeni kwenkcitho-mali engekho mgaqweni
- ukungathotyelwa kowiso-mthetho lwe-SCM kwenyuka. UMakwetu ugxininise ukuba isimo "sasisibi nangakumbi kunango-2014-15."

## Isishwankathelo seziphumo zophicotho-zincwadi

Kuphicotho-zincwadi lonyaka, i-AGSA ihlola le miba ilandelayo:

- Ukuthiwa thaca okungathanga ncam nokungabikho kolwazi olubonakalayo olungelulo kwiingxelo zezemali
- Ulwazi lokusebenza oluthembekileyo nolukholisayo ngeenjongo zokunika ingxelo ngeenjongo zokusebenza ezimiselwe kwangaphambili

- Ukuthobela lonke uwiso-mthetho olulawula imicimbi yezemali.

Iziko ekuphicothwe iincwadi zalo lifezekise uphicotho-zincwadi zemali olungenachaphaza xa iingxelo zezemali zalo zingenachaphaza, kungekho okufunyanisiweyo kuphicotho-zincwadi ekunikeni kwalo ingxelo ngeenjongo ezimiswe kwangaphambili nokuthobela uwiso-mthetho.

## B. Abaphicothelwa-zincwadi abafuna amangenelelo angxamisekileyo

Ingxelo ye-AG idandalazise ukuba ezi ndidi zilandelayo zabaphicothelwa-zincwadi zifuna uncedo olungxamisekileyo kunye namangenelelo agxilileyo ngababaphathi bakazwelonke nabamaphondo kunye namaqela obeko-liso:

### Amasebe ezemfundo, ezempilo kunye nemisebenzi yoluntu anezona ziphumo zophicotho-zincwadi zisilela kakhulu

Amasebe ezemfundo, ezempilo kunye nemisebenzi yoluntu aqhubeke nokuba nezona ziphumo zophicotho-zincwadi zisilelayo kunawo onke amasebe – ama-33% ala masebe afumene iziphumo zophicotho-zincwadi olunechaphaza (xa kuthelekiswa ne-16% kuphela yamanye amasebe). Mabini kuphela kumasebe akula macandelo afumene uphicotho-zincwadi olungenachaphaza.

Eli qela lamasebe linoxanduva nje ngaphezulwana kwesiqingatha soqingqo-mali lwamasebe kunye nokuphumeza iinkqubo ezingundoqo ukuphucula impilo neempilontle zabemi.

UMakwetu ulumkise ukuba imo yezimali yamasebe ephondo ezempilo nawezemfundo “ifuna ungenelelo olungxamisekileyo ukunqanda ukuwa kwala masebe ophumezo-zinkonzo ezingundoqo”.

Uthe, xa kuthelekiswa namanye amasebe, la macandelo “akwimeko embi”.  Umzekelo, inkcitho engagunyaziswanga ngamasebe ephondo ezemfundo ime phantse kuma-R1 ezigidi zezigidi kwaye intsilelo-mali eyathwalwa lisebe lezemfundo laseMpuma Koloni lilodwa yayingama-R1,7 ezigidi zezigidi.

### Amasebe ezempilo amaphondo axhalabisa ngokungakumbi

Ingxelo ye-AG inike umfanekiso wamasebe ezempilo amaphondo akwimo esemngciphekweni. La aseMpuma Koloni, eFreyistata naseMntla Koloni.

Intsilelo-mali iyonke yamasebe ezempilo yayikuma-R8,4 ezigidi zezigidi. Onke amasebe ezempilo, ngaphandle kweNtshona Koloni neFreyistata, ayenamabango kuwo awayengaphezulu koqingqo-mali lokusebenza lawo lilonke lika-2018-19. Uqingqo-mali lokusebenza lwesebe lezempilo laseMpuma Koloni lwalungaphezulu ngokuphindwe kathathu kunoqingqo-mali lwalo lokusebenza.

### Ii-TVET kholeji ezisokolayo ukucacisa ngezimali zazo

Ingxelo kaMakwetu ibalule ukuba iikholeji zemfundo noqeqesho zezobuchwepheshe nezobizo (ii-TVET) ziqhubeke nokusokola ukucacisa ngezimali zazo. Umzekelo, kwiikholeji ezingama-48 ekuphicothwe iincwadi zazo yi-AGSA, zintathu kuphela ezifumene iziphumo zophicotho-zincwadi olungenachaphaza xa kuthelekiswa nezilithoba kunyaka ongaphambili.

"Ezi kholeji azinakuthi zicacise ngokuchanekileyo ngemali eziyifumanayo okanye ngezikutyalwayo kunye nangee-asethi zazo. Imibuzo kufuneka ibuzwe malunga nelahleko enokubakho yemali ngolawulo olusilelayo lwee-asethi, ingeniso nabanamatyala kwezi kholeji ngelixa apho inkxaso-mali idingeka ngamandla kwimfundo ephakamileyo."

## C. Ii-entithi zikarhulumente

### Iziphumo zophicotho-zincwadi zee-entiithi zikarhulumente ziqhubeka nokuhla

Iziphumo zee-entithi zikarhulumente ekuphicothwe iincwadi zazo (ii-SOE) ziqhubeke nokuhla kunyaka ongaphambili naku-2014-15.

ITrasti yoPhuhliso eziMeleyo ifumene iziphumo zophicotho-zincwadi ezibi kakhulu kwiminyaka emithathu elandelelanayo kwaye iQumrhu lezoSasazo laseMzantsi Afrika (i-SABC) lihlile ukusuka kwiziphumo zophicotho-zincwadi ezibi zayokutsho kwiziphumo zophicotho-zincwadi ezibi kakhulu. Yi-Development Bank of Southern Africa kuphela ,

ekwaphicothwa iincwadi zayo yi- AGSA okokuqala, ethe yafumana iziphumo zophicotho-zincwadi olungenachapha.

Njengakunyaka ongaphambili, inani elibonakalayo lophicotho-zincwadi lwee-SOE alugqitywanga ngomhla we-30 Septemba ongowokugqibela. Oku, inike ingxelo i-AG, "kwakungunobangela weengxelo zezemali nophicotho-zincwadi ezalibazisayo ngenxa yokuba abaphicothelwa-zincwadi besokola ukubonakalisa ukuba kwakukho iinkxalabo". Oku kwenzeka kwi-South African Airways group, i-Denel group (nayo engumphicothelwa-zincwadi omtsha we-AGSA), i-South African Nuclear Energy Corporation group kunye ne-SA Express (apho iingxelo zezemali zokugqibela nengxelo yophicotho-zincwadi ezapapashwayo yayizezonyakamali ka-2015-16, kwaye uphicotho-zincwadi luka-2016-17 lusandula kugqitywa kutshanje).

## Imo yezimali kwii-SOE

I-AG ithe kubekho ukuphucuka okungephi kwimo yezimali yee-SOE, kodwa i-SABC, i-Petroleum Oil and Gas Corporation kunye ne-South African Post Office zabhengeza ukuba kwabakho intandabuzo ebonakalayo malunga nokuba bangaqhubeka na nemisebenzi yabo kwixesha elizayo ngaphandle koncedo lwezemali.

"Ngokuthathela ingqalelo yokuba uninzi lwee-SOE apho uphicotho-zincwadi lungagqitywanga lujongene nemingeni exhalabisayo, inkangeleko yezemali yee-SOE ezininzi imfiliba," i-AG yaphawula.

Kwakukho ukusilela kwiinkqubo zokunika ingxelo yokusebenza kunye nokwanda kokungathobeli kwii-SOE ezili-16 encwadi zazo ziphicothwe yi-AGSA – ama-88% abe nokubonakalayo okufunyanisiweyo kule meko. Ezi entithi futhi zabhengeza i-R1,9 yezigidi zezigidi kwinkcitho engekho mgaqweni, kodwa isixa-mali singangaphezulu nanjengoko ii-SOE ezintathu – i-South African Broadcasting Corporation, i-South African Forestry Company kunye ne-Komatieland Forests – zazineziphumo ezinechaphaza ekugqityweni kobhengezo lwenkcitho-mali yazo engekho mgaqweni.

Inkcitho-mali engekho mgaqweni yee-SOE esingazange siphicothe iincwadi zazo yayingama-R28,4 ezigidi zezigidi, eyayiquka i-R19,6 yezigidi zezigidi kwa-Eskom kunye ne-R8,1 yezigidi zezigidi kwa-Transnet.

## Amasebe anoxanduva lwee-SOE kufuneka omeleze iziqhelo zobeko-liso


Ingxelo iveze iinkxalabo malunga nezithuba kwizikhundla ezingundoqo nokungabikho kozinzo kwinqanaba lebhodi nelolawulo kwezi entithi. Ikwagxininisa nokuba amasebe ali-10 anoxanduva lokubeka iliso kwii-SOE awakhange abe neenkqubo zobeko-liso ezizinzileyo kwaye uninzi aluzange lucwangcise ngokwaneleyo umsebenzi wobeko-liso kwaye anike ingxelo ngalo kwiingxelo zawo zokusebenza.

UMakwetu ukwagxininise nokuba "ii-SOE zidlala indima ebalulekileyo eMzantsi Afrika, kwaye kufuneka zixhaswe ngurhulumente, kodwa kufuneka futhi zibe noxanduva lokuphendula.

"Uxanduva lokuphendula kwarhulumente lubalulekile ukuqinisekisa ukuba amagosa karhulumente anoxanduva lokuphendula ngezigqibo namanyathelo awathathileyo ngelixa eqhuba iindima zawo noxanduva lwawo. Kubekho iinguqulelo ezintle ezininzi zokuphucula ubeko-liso nolawulo lwee-SOE, ukuquka ukwanda kobeko-liso ziikomiti zasepalamente kwaye kujongwane nemingeni yolawulo kwinqanaba lebhodi. Nangona kunjalo, uninzi lwezindululo zethu kwingxelo yethu yangaphambili azikaphunyezwa kuzo zonke ii-SOE."

# D. Iziphumo zophicotho-zincwadi zikazwelonke nezamaphondo

Igrafu elapha ngezantsi ibonisa ukutshintsha kweziphumo zophicotho-zincwadi:




Kwinqanaba likazwelonke, kubekho ukuhla kwiziphumo, ngeziphumo zophicotho-zincwadi olungenachaphaza zisihla ukuya kuma-23% abemi bebonke.

Ngokwamaphondo, iNtshona Koloni kunye neGauteng zaqhubeka nokuvelisa ezona ziphumo zingcono- ngama-83% kunye nama-52% ophicotho-zincwadi olungenachaphaza, ngokulandelelanayo. Okufanayo kumaphondo omabini, i-AG ithe, "ibiyindima yabalawuli nezindlu zowiso-mthetho ukungenisa isithethe soxanduva lokuphendula nokuba selubala, ukumisela iinjongo zolawulo olungenachaphaza, nokusebenza ngolungelelwano ukufezekisa loo njongo nangona kujongwene nemingeni efanayo njengamanye amaphondo".

Iziphumo zaseNtshona Koloni zibonakalise ukuhla okungephi kwiminyaka emine ngenxa yeemeko ezizodwa zocwangciso-mali olungachanekanga nokungathobeli.

Iingxelo zezemali zabo bonke abaphicothelwa-zincwadi eGauteng zazingenachaphaza, kodwa ukunika ingxelo yokusebenza efezekileyo nokuthobela uwiso-mthetho kwakungacacanga kubo bonke abaphicothelwa-zincwadi, kwagqibelela kumanqanaba aphezulu enkcitho-mali engekho mgaqweni.

I-AG ithe kulusizi ukuba ukuphucuka kwiziphumo zophicotho-zincwadi eMpuma Koloni kwiminyaka embalwa edlulileyo kungazange kuzinze – iziphumo zophicotho-zincwadi zihlile ngo-2017-18 ngenxa yolibaziso ekuhlangabezeni noonobangela abayintsusa beziphumo abavezwa yi-ofisi yakhe rhoqo ngonyaka.

Ngokufanayo, inkqubo ekhoyo yokuphucuka eLimpopo ayikhange iqhubeke, ngabaphicothelwa-zincwadi besihla kunokuba baphucuke kunyaka esikuwo. Nangona abalawuli bephondo bezinikela ekuphumezeni izindululo ze-ofisi yakhe, "oko akuzange kwenzeke kwangexesha kwaye nangokugqibeleleyo, abaphicothelwa-zincwadi bazama ukusombulula iziphumo zonyaka ongaphambili ekupheleni konyaka kuphela okanye ngelixa lenkqubo yophicotho-zincwadi", uchazile uMakwetu.

UMakwetu ukhankanye iMpumalanga njengephondo ekukuphela kwalo elathi iziphumo zophicotho-zincwadi zalo zaphucuka. Nangona kunjalo, iziphumo bezingazinzanga kwiminyaka emine edlulileyo, abaphicothelwa-zincwadi bengazinzisi iziphumo zabo nanjengoko ulawulo lwangaphakathi olungqingqwa lungathunyelwanga emazikweni, okugqibelele kwiimeko-bume zolawulo lwangaphakathi ezingazinzanga. Uthe abo

baphicothelwa-zincwadi bathe baphucuka bakwenze oko ngokulandela izicwangciso zabo zokusebenza, bekhokelwa ngababaphathi abangumzekelo omhle.

Ngokuchaseneyo, iziphumo zophicotho-zincwadi zaseMntla Koloni naKwaZulu-Natal bezingazinzanga kwiminyaka emine edlulileyo – ukuphucuka kunyaka omnye kwaphambukiswa kukuhla kunyaka olandelayo. I-AG ikhankanye intswelo yongxamiseko kubaphathi ukuhlangabezana noonobangela abayintsusa beziphumo zophicotho-zincwadi kula maphondo.

EMntla Koloni naseFreyistata, uMakwetu uchonge “intswelo yoxanduva lokuphendula kunye nokuzinikela kulawulo olungenachaphaza” njengeempawu eziphembelele kukusilela okubonakalayo kula maphondo. Iziphumo zophicotho-zincwadi zawo zaqhubeka nokuye zisilela nangakumbi kwaye yayingamaphondo ekukuphela kwawo aneziphumo zophicotho-zincwadi ezibi kakhulu nezibi.

“La maphondo ayekwisimo esibi kakhulu – imo yezimali yawo yayiyeyona imbi kakhulu ngaphezu kwawo onke amaphondo, kungekho baphicothelwa-zincwadi, ngaphandle kwelinye laseMntla Ntshona, elathobela uwiso-mthetho, kwaye ukungakwazi ukunika ingxelo ngokuthembekileyo ngokusebenza kwababaphicothelwa-zincwadi neeprojekthi zamaphondo ezingundoqo kwakufana. Ukulibazisa ekugqityweni kweeprojekthi, umsebenzi ongekho mgangathweni kunye neentlawulo ezingenabungqina bokuphumeza (ingakumbi eFreyistata) kugqibelele kuphumezo-nkonzo olusileleyo kunye nezityholo zobuqhetseba.

“Nangona kwenziwe izibophelelo kuthi ngaphambili, kucacile ukuba iinkokeli zopolitiko nezolawulo aziyinanzi imiyalelo nezindululo zethu – zikhetha ukuphikisa izigqibo zophicotho-zincwadi, endaweni yokuhlangabezana nemeko-bume yolawulo olusilelayo phantse kubo bonke abaphicothelwa-zincwadi eMntla Ntshona,” uphawule.

Uthe eFreyistata, “endaweni yokujongana noonobangela abayintsusa beziphumo zophicotho-zincwadi olusilelayo, kwatshintshwa amaqhinga  ukuqhubeka nokuthintela


ulawulo lwangaphakathi olungundoqo. Ngaphezu koko, kwakufana kuwo omabini la maphondo ukuba amaqela obeko-liso ayengekho phambili ngokucinga, okwathi kwaphazamisa ukufezekiswa kweziphumo zezohlwayo nanjengoko ibhunga lolawulo lalingenaxanduva lokuphendula".

## E. Uphicotho-zincwadi olungagqitywanga

Ngomhla we-31 ku-Agasti, uphicotho-zincwadi olungama-41 lwalungagqitywanga – ukunyuka kuphicotho-zincwadi ezingama-26 ezingazange zigqitywe ngexesha elinye kunyaka ophelileyo. Izizathu ezingundoqo kukungeniswa kade okanye ukungangeniswa kweengxelo zezemali nolwazi olungekenziwa. I-18 yophicotho-zincwadi olungekenziwa lwalubangelwe zii-SOE ezizama ukusombulula isimo sazo senkxalabo esiqhubekayo.

## F. Imo yezimali yababaphicothelwa-zincwadi

Igrafu elapha ngezantsi ibonisa ukutshintsha kweziphumo zophicotho-zincwadi zamasebe:



Imo yezimali yabaphicothelwa-zincwadi yaqhubeka nokuhla. Amasebe, ingakumbi, ayesokola ukuzinzisa izimali zawo. Ingxelo ibonise ukuba imo yezimali yamasebe ihle nangakumbi ku-2017-18, iqhubeka nokuhla ukusukela ku-2014-15. Abo baphicothelwa-zincwadi abanemo yezimali entle babonakalise ama-28% kuphela oqingqo-mali lwenkcitho lwamasebe.

Ngokupheleleyo, i-16 yamasebe awachongwa njengafuna ungenelelo olungxamisekileyo olubhengezwe kwiingxelo zawo zezemali ukuba bangangakwazi ukuqhubeka nokuphumeza iinkonzo ukuba akunikezwanga nkxaso-mali eyongezelelweyo. Nangona la masebe eza kuqhubeka nokusebenza, ayenika ingxelo yokuba isimo sawo sezemali sisemngciphekweni ngokungakumbi ekupheleni konyaka-mali.

## G. Ulawulo lwenkqubo yeentengo

ukungathotyelwa kowiso-mthetho lwenkqubo yeentengo (i-SCM) kwenyuka. Isimo, uMakwetu ugxininisile, "sasibalasele nangakumbi kunango-2014-15, nangona senze ingxelo kulo mmandla, izilumkiso esizivezileyo, kunye nezindululo ezininzi esizenzileyo. Iinkqubo zokufumanela inkonzo ezingenabandakanyo nezingenabulungisa kunye nolawulo lwezivumelwano zengqesho ezinganelanga zazixhaphakile".

UMakwetu ulumkise ukuba kwilizwe eliqoqosho lalo lisandula kubhengezwa ngokusesikweni ukuba lunoxinzelelo kuqoqosho ngokobugcisa, "urhulumente akanawukwazi ukuphulukana nemali ngenxa yokusilela kokwenziwa kwezigqibo, ukungakhathali okanye ukungasebenzi" njengokungaphumeleli ukulandela izindululo zophicotho-zincwadi okanye inkcitho engeloncedo nemosha imali ekwizinga eliphezulu, okuyilahleko yemali ngokwenene.

### Ukunyuka kwenkcitho engekho mgaqweni

Inkcitho engekho mgaqweni yaqhubeka nokuba phezulu kuma-R51 ezigidi zezigidi. Kukonke oku kuquka inkcitho engekho mgaqweni yabo baphicothelwa-zincwadi apho i-


AGSA yayilugqibile uphicotho-zincwadi emva komhla omiselweyo wale ngxelo (ama-R5,4 ezigidi zezigidi). Kwakhona i-AG yaqikelela nokuba esi sixa-mali singangaphezulu, nanjengoko ama-27% abaphicothelwa-zincwadi babhengeza ukuba bathwala inkcitho engekho mgaqweni kodwa isixa-mali esipheleleyo sasingaziwa. Ukongeza, abaphicothelwa-zincwadi abangama-28 babenechaphaza nanjengoko isixa-mali abasibhengezileyo sasingaphelelanga. Kwakhona, i-AGSA ayizange ikwazi ukuphicotha iincwadi ze-R6,5 yezigidi zezigidi elixabiso lezivumelwano zomsebenzi ngenxa yolwazi olungekhoyo okanye olungaphelelanga.

Amagalelo aphambili ali-10 enkcitho engekho mgaqweni ayenoxanduva lwama- 52% esixa-mali esipheleleyo senkcitho engekho mgaqweni. UMakwetu ubalule ukuba i-17% yenkcitho-mali engekho mgaqweni yayiyinkcitho yeminyaka engaphambili ehlutywe yaza yabhengezwa ngo-2017-18, ngelixa i-83% eseleyo (ama-R37,9 ezigidi zezigidi) yayiziinkcitho zango-2017-18 – ezibonakalisa i-4% yoqingqo-mali lwenkcitho-mali lulonke. Iquke ama-R16,8 ezigidi zezigidi ngeentlawulo ezenziwe zizivumelwano zokusebenza ezinikwe ngokungekho mgaqweni eziqhubekayo kunyaka odlulileyo – ukuba ukungathotyelwa kwakungazange kuphandwe kwaye kukhuthazwe, iintlawulo kwezi zivumelwano zokusebenza zeminyaka ngeminyaka ziza kuqhubeka nokubonwa kwaye zibhengezwe njengenkcitho engekho mgaqweni," uchazile.

"Inkcitho engekho mgaqweni akunyanzelekanga ukuba ibe ibhekiselela kukumosha okanye ibe ithetha ukuba kwenziwe ubuqhetseba – oku kufuneka kuqinisekiswe ngokuba kwenziwe uphando ligosa locwangciso-mali okanye ugunyaziwe wocwangciso-mali. Nangona kunjalo, iilahleko zinokuba sezivelile okanye zingavela futhi ukuba uphando lolandelelo aluqhutywa. Abaphicothelwa-zincwadi baziwa ngokusilela ukujongana nenkcitho engekho mgaqweni nokuqinisekisa uxanduva lokuphendula. Intsalela yokuphela konyaka yenkcitho engekho mgaqweni eqokelelene iminyaka emininzi kwaye kungakhange kujongwane nayo (ngokufumana kwakhona, ngokuxolela okanye ukususwa kwetyala) yayingama-R161,8 ezigidi zezigidi.'

## Ukunyuka kwenkcitho engagunyaziswanga

### Inkcitho engagunyaziswanga yamasebe




Inkcitho engagunyaziswanga inyuke ngama-38% ukusukela kunyaka ongaphambili ukuya kutsho kuma-R2,1 ezigidi zezigidi, ama-86% ayesisiphumo sokuchitha ngokugqithisileyo.

Isimo senkcitho engagunyaziswanga sikwanika umbono wemo yezimali zabaphicothelwa-zincwadi, nanjengoko kakhulu ibonakalisa ukuchitha ngokugqithisileyo uqingqo-mali lwabo, kwaye i-AG inenkxalabo yokuba le nkcitho-mali inyukile kunyaka ongaphambili.

Uthe ukunyuka kwenkcitho engagunyaziswanga "kunika umfanekiso wamasebe angakwaziyo ukusebenza ngoqingqo-mali lwawo – okugqibelela kwiintsilelo-mali nee-ovadrafti". Ewonke, amasebe angama-82 (52%) ngokobugcisa abeneengxowa-mali ezingonelanga ukuhlawula ngokupheleleyo onke amatyala anawo ekupheleni konyaka ukuba iinkcitho ezingahlawulwanga ekupheleni konyaka zazithathelwe ingqalelo. Oku kuthetha ukuba la masebe aqalise unyakamali ka-2018-19 ngenxenye yoqingqo-mali lwawo ngokukuko ichithwe kwangaphambili. Ngeli lixa oku kuza kuba nempembelelo


engephi kumasebe amaninzi kuba izixa-mali ziphantsi, amasebe ali-15 ayesele echithe ngaphezulu kwe-10% yoqingqo-mali lwenkcitho yokusebenza ka-2018-19 ukuba uqingqo-mali lweendleko zabasebenzi aluthathelwa ngqalelo.

Amanye amasebe awazange abahlawule abatyalwayo ngawo ngelixa uqingqo-mali lwawo luqalisa ukuphela ngako oko elumkela inkcitho engagunyaziswanga, kodwa iintlawulo zenziwe kunyaka olandelayo, esebenzisa ngokufezekileyo imali elungiselelwe ezinye iinjongo zophumezo-nkonzo." Oku 'kugqithela' koqingqo-mali kolunye kube nempembelelo embi kwisakhono samasebe sokuhlawula abatyalwayo kwangexesha kunye nokuphumeza iinkonzo," utshilo u-AG.

Unike nengxelo yokuba kwenziwa amabango kumasebe ngomangalelwano lwembuyekezo ngenxa yelahleko ebangelwe lisebe – awona mabango axhaphakileyo ngamabango okungakhathalelwa kwezonyango awenziwa kumasebe ezempilo amaphondo. "Amasebe awenzi qingqo-mali laloo mabango, okuthetha ukuba onke amabango aphumeleleyo aza kuhlawulwa ngeengxowa-mali eziphawulelwe uphumezo-nkonzo, okutyabula nangakumbi isakhono sala masebe sokuba azinze ngokuphathelele kwezemali.

**Ukunyuka kwenkcitho engeloncedo nemosha imali**

Igrafu elapha ngezantsi ibonisa isiqhelo seminyaka emine senkcitho engeloncedo nemosha imali.



Inani lababphicothelwa-zincwadi abanenkcitho engeloncedo nemosha imali lanyuka nge- 10% kunyaka ongaphambili. Bebonke abaphicothelwa-zincwadi abangama-181 bathwala inkcitho engeloncedo nemosha imali kuyo yomibini iminyaka, esikuwo nongaphambili, apho ama-157 athwele loo nkcitho iminyaka emithathu edlulileyo.

UMakwetu ulumkisile, "urhulumente akanako ukulahlekelwa yimali ngenxa yokusilela ekwenziweni kwezigqibo, ukungakhathali okanye ukungasebenzi ngokwaneleyo. Nangona kunjalo, siqhubeka nokubona ukunyuka kwenkcitho engeloncedo nemosha imali. Le nkcitho-mali, ngokubonakalayo eyilahleko yemali, inyuke ngaphezulu kwama-200% kunyaka ongaphambili. Ukunyuka kukonke kakhulu kwakubangelwa yilahleko yama-R1 022 ezigidi yi-Water Trading Entity, apho kwakuhlawulwa ngaphandle kwenkqubela yeziphumo kwiiprojekthi zezakhiwo zamanzi".

## H. Okufunyanisiweyo kulawulo nophumezo lweenkqubo ezingundoqo

Ingxelo ye-AG ikwaquke okufunyanisiweyo kulawulo nophumezo lweenkqubo zikarhulumente ezingundoqo ngoqingqo-mali oluhlanganisiweyo lwama-R47,9 ezigidi zezigidi. Ezi nkqubo zezi:

1. uphuhliso lwezakhiwo zamanzi
2. inkqubo eyandisiweyo yemisebenzi yoluntu
3. izimali zophuhliso lwezindlu.

I-AGSA iphicothe futhi ulawulo nophumezo lweenkqubo ezingundoqo kumacandelo ezemfundo nezempilo kwaye iza kwandlala iingxelo ngekufumanisileyo msinya ku-2019.

UMakwetu udandalazise ukuba ukusukela kwingxelo yakhe yokuqala kwezi nkqubo zintathu kunyaka ophelileyo, "kubekho ukuphucuka okungephi" nanjengoko izindululo zophicotho-zincwadi yi-ofisi yakhe ziphunyeziwe.

Kukonke, ama-98% oqingqo-mali lulonke olwabelwe ukuphumeza ezi nkqubo achithwe

ngo-2017-18; nangona kunjalo, amasebe aphumeza i-12% kuphela yekujoliswe kuko okunxulumeneyo.

I-AG futhi inike ingxelo yokuba akukho nalinye kwiSebe lemiSebenzi yoluNtu nakwiSebe lezokuHlaliswa koluNtu elithe lanika ingxelo ngendlela ethembekileyo ekuqhutyweni kweenkqubo zawo, nanjengoko ulwazi ngophumezo lweeprojekthi luxhaswa ngemali kumanqanaba ephondo nakamasipala lwalungahlanganiswanga ngendlela engqinelanayo okanye lwalungafezekanga. Oku, i-AG iphawule, kuza kwenza ukuba kube nzima ukuba urhulumente ahlole ukuba ingaba ekujoliswe kuko okujongiweyo kwezi nkqubo kuphunyeziwe na ekupheleni kwesigaba esiphakathi seminyaka emihlanu sangoku senkqubo-sikhokelo yeqhinga.

Ubugwenxa kwiinkqubo zokufumanela iinkonzo nolawulo lwezivumelwano zengqesho ezinganelanga yayiziziphumo ezizingileyo kwiiprojekthi zamanzi nezezindlu. Ezinye zeeprojekthi zibonakalise ukusilela okubalaseleyo ngokuphathelele kuphumezo olucothayo, umsebenzi onomgangatho osilelayo, ukumosha nolawulo olugwenxa.

## I. Impikiswano yeziphumo zophicotho-zincwadi

UMakwetu udandalazise ukuba inkqubo ekhoyo yempikiswano yeziphumo zophicotho-zincwadi lwe-ofisi yakhe iqhubekile.

kwaye yaqinisa ngowe-2017-18, ikhokelela ekulityazisweni kophicotho-zincwadi oluthile.

“Kuvumelekile kwabo siphicotha iincwadi zabo (abaphicothelwa-zincwadi) ukuthandabuza kwaye bacele umngeni kwisiphumo

sophicotho-zincwadi, ngokusekelwe kubungqina kunye notoliko locwangcwiso-mali olungqingqwa okanye ngezizathu zezomthetho. Thina

sikwaqonda nokuba uninzi lwemicimbi yocwangciso-mali neyomthetho ekujongwene nayo kuphicotho-zincwadi inabile kwaye ngokuqhelekileyo ivulelekile ukuba ingatolikwa,” ucacisile.

UMakwetu ungqine ukuba kwabanye abaphicothelwa-zincwadi, kubekwa uxinzelelo kumaqela ophicotho-zincwadi e-ofisi yakhe ukuba atshintshe izigqibo ukulumkela ngokuphandle iziphumo zophicotho-zincwadi ezingezihlanga okanye ukubhengezwa kwenkcitho engekho mgaqweni – ngaphandle kwezizathu ezivakalayo. “Ubongoze abaphathi ukuba kufuneka bamisele umoya woxanduva lokuphendula – ukuba iziphumo zophicotho-zincwadi azikho njengokuba kulindelwe, kufuneka kusetyenzelwe ukuba kuhlangatyezwane nengxaki kwaye hayi ukunyanzela abaphicothi-zincwadi ukuba batshintshe izigqibo zabo”.

## J. Isiphelo

“Ukuphucuka okungephi kwiziphumo zophicotho-zincwadi ingakumbi kunye nolawulo jikelele, eminyakeni, kubonisa ukuba iinkqubo zoxanduva lokuphendula azisebenzi njengoko bezimele ukwenza njalo. Oku futhi kugqibelele kumakhwelo aqhubekayo okuba kwenziwe ngokungaphaya – ingakumbi yi-ofisi yethu. Ngenkxaso yekomiti yobeko-liso yasepalamente, i-Public Audit Act ngoku ide ekugqibeleni yalungiswa kwaye iza kusinika amandla angaphaya ukuqinisekisa uxanduva lokuphendula kulawulo lweengxowa-mali zikarhulumente.

“Kubalulekile ukugxininisa ukuba isizathu sezilungiso asikokuthatha imisebenzi yamagosa ocwangciso-mali okanye yoogunyaziwe bocwangciso-mali, nanjengoko uxanduva lwabo lokuphendula lucacile kuwiso-mthetho. Kukungenelela nje apho olo xanduva lungaphunyezwanga nangona sibalumkisile abaphathi ngobugwenxa obubonakalayo ekufuneka buphandiwe kwaye kujongwane nabo. Izilungiso ziza kusinika amandla okuba sibe nempembelelo engqalileyo kwezi ziphumo zophicotho-zincwadi," uqukumbele ngokutsho uMakwetu.

**Ikhutshwe ngu-:** Mphicothi-ziNcwadi Jikelele waseMzantsi Afrika

**Qhagamshelana no-:** Africa Boso • (012) 422 9880 • Africab@agsa.co.za

**Landela u-AGSA ku-Twitter: AuditorGen_SA**

**Inqaku lamajelo eendaba:** Ingxelo jikelele ehlanganisiweyo yowe-2016-17 ngeziphumo zocwangciso-zincwadi ze-PFMA ifumaneka apha www.agsa.co.za. Oku kukhutshwe ngamajelo eendaba neenguqulelo zako eziguqulelwe, kwiSisuthu, iSitsonga, isiXhosa, isiZulu kunye nesiBhulu ziza kufumaneka kwiwebhusayithi yethu.

**Malunga no-AGSA:** U-AGSA liziko lophicotho-zincwadi eliphezulu lesizwe. Kukuphela kweziko elithi, ngokomthetho, liphicothe iincwadi kwaye linike ingxelo ngendlela urhulumente achitha ngayo imali yabarhafi. Oku kulapho u-AGSA agxile khona ukusukela kwisiqalo sakhe ngowe-1911 – iqumrhu eli libhiyozele iminyaka engama-100-yelifa lecandelo likarhulumente lophicotho-zincwadi ngowe-2011.